## ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

1. Umfundi akavumelekanga ukuphendula ngaphezu kombuzo omnye kwijenra enye.

2. Ukuba umfundi unike iimpendulo ezimbini apho le yokuqala ingamkelekanga, ize le yesibini ibe yeyamkelekileyo, makisha le yokuqala **ungayihoyi** le yesibini nokuba yiyo ayiphendule kakuhle.

3. Ukuba imibuzo inonjolwe ngendlela engeyiyo, makisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemo.

4. Ukuba impazamo yopelo inika ntsingiselo yimbi kule ibilindelwe, musa ukunika inqaku kuloo mpendulo. Ukuba ayiyichaphazeli intsingiselo, nika inqaku ngokufanelekileyo.

5. Ukuba umfundi akazisebenzisanga iimpawu zocaphulo apho ayalelwe ukuba acaphule, **makangohlwaywa**.

6. **Kwimibuzo evulelekileyo**, akukho manqaku anikwa uEWE/HAYI okanye u-NDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

7. Akukho manqaku aya kwabelwa uYINYANI/ASIYONYANI okanye LULUVO/YINYANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

ÉcoleBooks



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



## ICANDELO A: INOVELI

## UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – K.S. BONGELA

### ISICATSHULWA A

1.1 1.1.1 Babefunda kunye. ✓ (1)

1.1.2 '… sekulithuba eyenza … ✓✓ (2)

1.1.3 (i) Yithoni yonxunguphalo. ✓ (1)
(ii) Ifaneleke kakhulu kuba imeko kaMpumelelo yokumana epha-kuzela yayimothusa. ✓✓ (2)

1.1.4 Kungokuba ilitha lesibane lalimkhumbuza umlilo owatshisa abazali bakhe mhla babefumene ingozi yemoto. ✓✓ (2)

1.1.5 " … eyaphambanisa umphathi …✓

Sisibaxo ✓/ lubaxo ✓/ lubabazo ✓/ lugqithiso. ✓
[Nayiphi kwezi.] (2)

1.1.6 Yamfaka engxakini ✓✓/ yamfaka enkathazweni. ✓✓ (2)

1.1.7 Waphakuzela, waphuma ebaleka eholweni ngobusuku ekwakubukelwe umboniso-bhanyabhanya owawubonisa umlilo ✓✓ / wayekhe waphakuzela wabaleka mhla amapolisa ayeze kucela amakhwenkwe ukuba aye kuncedisa ukucima umlilo ✓✓ / ukhe waphakuzela ngexesha ebuzwa imibuzo yintsumpa ngokuduka kwakhe xa bethetha naye ngqwabalala, wakhala, "Yho-o, Andazi! Nqanda! Umlilo." ✓✓
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

1.1.8 Kukulunga kuba kukulunga kwakhe okwambangela ukuba asebenzisane kakuhle noyisemncinci uThamsanqa ✓✓/ Kukulunga kwakhe noku kubangele ukuba anyamekele izifundo zakhe ejonge phambili ngobomi bakhe. ✓✓ (2)

1.1.9 Yingxolo yabantu ababevuyela ukuphumelela kweqela labo lebhola yombhoxo, leli qela ekwakulindeleke ukuba uMpumelelo alidlalele akaphumelela. ✓✓ (2)

**KUNYE**

## ISICATSHULWA B

1.2 1.2.1 Egameni likaMpumelelo. ✓ (1)

1.2.2 Kukuza kukhangela ithuba lokubulala uMpumelelo njengoko bethunyiwe nguNozililo. ✓✓ (2)

1.2.3 Uthetha ukuba ngokufa kwakhe uMpumelelo uya kutsho abonane nabazali bakhe ngaphaya kwengcwaba. ✓✓ (2)

1.2.4 Kungokuba elona phupha likaMpumelelo yayikukuba uya kusebenza eLusikisiki. ✓✓ (2)

1.2.5 Ngokuthi kuhlatywe ngempazamo umtshana kaNozililo wakhathazeka uNozililo kuba wayevuyile ecinga ukuba nguMpumelelo ohlatyiweyo lwaqhubela phambili uphando lwamapolisa. ✓✓✓ (3)

1.2.6 (a) (iii) ✓/ uMpumelelo. ✓
(b) (i) ✓/ uThamsanqa. ✓
(c) (ii) ✓/ uNozililo. ✓ (3)

1.2.7 Olokuba naye ungumntu gqibi, uyakwazi ukuthabatheka xa ebona imbelukazi. ✓✓ (2)

1.2.8 Andivelani kuba uNozililo ubanjelwe ityala alenzileyo lokuthenga ootsotsi ukuba batshise ivenkile yakwaNtsibande ✓✓/ Andivelani noNozililo kuba unomona uchukela usapho lakwaNtsibande lungenatyala. ✓✓

**OKANYE**

Ndiyavelana kuba ukuvalelwa komntu ngenxa yesityholo esingakhatshwa bubungqina yingozi kakhulu. ✓✓ (2)

**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

**OKANYE**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



**UMBUZO 2: *UMQOL'UPHANDLE* – P.M. NGANI**

**ISICATSHULWA C**

2.1 2.1.1 Waziwa njengoNobuhle wodumo kwelaseMonti. ✓ (1)

2.1.2 "Yeka ukungungelana kwaloo mkhosi wabasebenzi, behluthahluthana ukulithenga iphepha" ✓✓ (2)

2.1.3 Bubungqina obabusele bufunyenwe ngumcuphi uHlobo awayekholelwa ukuba bukhomba kuLinda njengombulali. ✓✓ (2)

2.1.4 (i) Yithoni yovelwano. ✓ (1)

(ii) Ifaneleke kakhulu kuba aba ngabantu abamthandayo nabamhloniphayo uLinda ngoko ke abayikholelwa yonke into ethethwayo ngaye. ✓✓ (2)

2.1.5 Unobuhle wantoni na? ULinda ugqithe bani ngobuhle? ✓ Ngumbuzo-buciko. ✓ (2)

2.1.6 Kuthethwa ukuba bonke abantu babethetha ngaye apho bakhoyo. ✓✓ (2)

2.1.7 Sesokuya esirhoxweni kwamamKhey athenge ibhotile yotywala abusele anxile angazazi negama. ✓✓ (2)

2.1.8 Luphawu lokunyaniseka kuba kukunyaniseka kwakhe okwambangela ukuba axabane namalungu ase*Moonglow* xa wona ayefuna kuthengiswe intsangu *eMoonglow* ukuze bakhawuleze babe zizityebi. ✓✓ / Bubuthandazwe kuba uyasala isicelo samalungu kkuba ecingela isimo abakuso umntu emveni kokusebenzisa iziyobisi. ✓✓ (2)

2.1.9 Saba kukuxoxwa kwetyala lesityholo esasibekwa uLinda sokubulala uEddie noLulama, ayemaninzi amangqina anikisa ngobungqina obumbophelelayo uLinda. Ekugqibeleni wazicelela ukuba ityala lakhe lisiwe ejajini. Wahlala njalo eluvalelweni. ✓✓ (2)

**KUNYE**

## ISICATSHULWA D

2.1 2.2.1 Egameni likaLinda Monti. ✓ (1)

2.2.2 Kukuba wayecinga ukuba uphando akakalugqibi kwaye ubungqina awasele enabo ngeli xesha babusecekeceke kakhulu ✓✓/ Ulwazi athe walufumana kuSipho Bumba lumenze wathandabuza ukuba uLinda nguye umbulali. ✓✓ (2)

2.2.3 Bungakhatywa lula ✓✓/ bungaphikiseka lula ✓✓/ bungangabi nasihlahla ✓✓ / bungangabi namandla. ✓✓
[Nayiphi kwezi.] (2)

2.2.4 Kungokuba ummeli kaLinda kwityala lakhe yayinguKhumalo.✓✓ (2)

2.2.5 Ngokuba uphando luye lwathatha unyawo akuba uLinda engavunyelwanga ukuba aphume ngebheyile, wagcinwa eluvalelweni. ✓✓✓ (3)

2.2.6 (a) (iii) ✓/ UBumba ✓
(b) (i) ✓/ UDuma ✓
(c) (ii) ✓/ UHlobo ✓ (3)

2.2.7 Ukuba ugweba phambi kokuba eve ✓✓/ akanalusini. ✓✓/ unobungozi obufihlakeleyo. ✓✓ (2)

2.2.8 Ndiyavelana noLinda kuba abukho ubungqina obuphathekayo obalatha kuye njengombulali kaEddie ✓✓/ Ndiyavelana noLinda kuba ubungqina obubangela ukuba abe ubanjiwe yena akanalwazi ngabo kodwa konke kusalatha kuye nezinto ezizezakhe. /Ndiyavelana naye ngoba angathi kanti nyhani uyatyholwa akanatyala abe echithe ixesha lakhe elininzi entolongweni.

**OKANYE**

Andivelani noLinda kuba nawuphi umntu obekwe isityholo sokwaphula umthetho uyavalelwa ukuze angagilani nophando. ✓✓ (2)
**[35]**

**AMANQAKU EWONKE: 35**

**OKANYE**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



**UMBUZO 3**

***UMONWABISI*: ZAMA A. JAPHTA**

**ISICATSHULWA E**

3.1 3.1.1 Waziwa ngobubele. ✓ (1)

3.1.2 Wayekwanaso wena isandla esingqongqo sengqeqesho. ✓✓ (2)

3.1.3 Kukuba uMonwabisi wambonisa ukuba ungumntwana okhutheleyo nowakhathalelelyo amashishini omyeni wakhe, loo nto yabangela ukuba amthembe watsho wamamkela njengomntwana wakhe ✓✓/ wayeluncedo nakuye kuba ebevuya xa efikile ekhayeni edolophini ngexesha uThandabantu sele egugile ebemncedisa. ✓✓ (2)

3.1.4 (i) Yithoni yovelwano ✓/ yithoni yosizi. ✓ (1)
(ii) Ifaneleke kakhulu kuba imeko kaMonwabisi yobunkedama nempathekombi awayeyifumana kuMamTolo yayibanga usizi. ✓✓ (2)

3.1.5 Usana olungakhaliyo lufel'embelekweni. ✓✓ (2)

3.1.6 Abantwana bakhe bengalufumani ngokwaneleyo uthando lukaThandabantu ✓✓/ abantwana bakhe babethathelwa uthando lwabo nguMonwabisi kuba besithi umthanda ngaphezu kwabo ✓✓/ indawo yabo kuyise yayithathwe nguMonwabisi. ✓✓ (2)

3.1.7 Sesokubhujelwa ngunyana wakhe uGcinumzi kwingozi yebhasi behambe nesikolo ✓✓/ ukubhubhela kukaMaRhadebe emotweni yakhe emsa esibhedlele aphele eshiya usana luluxanduva lwakhe. ✓✓ (2)

3.1.8 Kukukhuthala / kukuthobeka / kukuthembeka / kukwaneliseka / kukunyamezela kuba kuko okwabangela ukuba awagcine kakuhle amashishini kaThandabantu ngethuba ayesele ephela enganiki themba. ✓✓ (2)

3.1.9 Saba kukuya esinaleni bafike banxile baziphathe kakubi de basiyeke neso sikolo ✓✓/ kukwenza izinto ezimbi ezithoba isidima sekhaya esikolweni de baphelele esithubeni bengaziwa apho bakhoyo, batsha nezwe. ✓✓ (2)

**KUNYE**

## ISICATSHULWA F

3.2 3.2.1 Egameni likaThandabantu. ✓ (1)

3.2.2 Wayefuna ukujonga amanye amashishini kuba eye etyhafiswe kukunganyaniseki kwabantu baseNtshiqo. ✓✓ (2)

3.2.3 Ngumntu ongenalusizi ✓/ ngumntu ongenaluvelwano. ✓ [Nayiphi enye kwezi.] (2)

3.2.4 Kungokuba uMonwabisi wakhawuleza wasiyeka isikolo esekwibanga lesithandathu ngenxa yokutsala kwakhe nzima esikolweni. ✓✓ (2)

3.2.5 Ngokuthi uMonwabisi avuse amasimi nevenkile kaThandabantu de kufikelele kwinqanaba lokuba angene kwizivumelwano zokuwakhulisa nangakumbi. Oku kuza kubangela ukuba abe lithemba likaMaMtolo noThandabantu ekugqibeleni. ✓✓✓ (3)

3.2.6 (a) (iii) ✓/ UHlubikazi ✓

(b) (i) ✓/ UThandabantu ✓

(c) (i) ✓/ USamkelo ✓ (3)

3.2.7 Ukuba ungumntu onothando nenkathalo ngabanye abantu. ✓✓ (2)

3.2.8 Ndiyavelana naye kuba akanalo ibango nelungelo ngokupheleleyo apha kwaThandabantu ✓✓

**OKANYE**

Andivelani naye kuba ukuba ebenyamezele isikolo ngekuba ngoku unomsebenzi ongowakhe. ✓✓ (2)

**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

**OKANYE**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



## ICANDELO B: IDRAMA

## UMBUZO 4: *NDIYEKENI*: D.M. JONGILANGA

## ISICATSHULWA G

4.1 4.1.1 Umazi njengetitshala ewenza kakuhle umsebenzi wayo wokufundisa nangona inxila nje. ✓ (1)

4.1.2 '…kukho isikhwebu endifuna ukukuchubela sona.' ✓✓ (2)

4.1.3 Wayeye kugquka umkhondo kusapho lukaNdila ukuze bangamqondi ukuba unento yokwenza nokugxothwa kwakhe emsebenzini ✓✓/ wayeye kubalalisa uboya kuba ezazi ukuba nguye oxelele uLoni ukuba uNdila uthume uLiziwe utywala ngexesha lesikolo ✓✓/ wayeye kusezela iindaba. ✓✓
[Nayiphi eNYE kwezi.] (2)

4.1.4 (i) Yithoni yonxunguphalo. ✓ (1)
(ii) Ifaneleke kakhulu kuba uMaziko sele etshilo ukuba kukho into aze ngayo kodwa akade ayithethe, oku kubanga ixhala kuLoni.✓✓ (2)

4.1.5 Okweengcambu. ✓ sisifaniso. ✓ (2)

4.1.6 Yeyokunqanda umntu othi endaweni yokuthetha ngqo asuke ajikeleze ethetha into engahambelaniyo nale amele kuyithetha. ✓✓ (2)

4.1.7 Sesokuya kwaSihlalo wekomiti uMadala ngeenjongo zokunyoka uLoni kuba ekhuthaze ukuba agxothwe ukuze kungene yena esikhundleni sokuba yinqununu yaseNobutho. ✓✓ (2)

4.1.8 Ukuthanda kwakhe imali ngokugqithisileyo kumbangele ukuba aqhubeke eyenza indawo yeziyolo indlu yakhe ukuze uZanele atye imali kaMawonga naye azuze utywala basimahla. ✓✓ (2)

4.1.9 Wabizelwa eofisini yenqununu waxoxiswa waphela eyalelwa ukuba makarhoxe emsebenzini. ✓✓ (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA H**

4.2 4.2.1 Egameni likaMawonga Loni. ✓ (1)

4.2.2 Kukuza kuxoxa kuthathwe isigqibo ngoMawonga emva kokuba babebizwe ngabahloli kwiveki edlulileyo ngoMvulo bafika enxilile nyhani uMawonga. ✓✓ (2)

4.2.3 Ithetha ukuba akusekho kubekelela nto xa kunje, kokokuba bayigqabhuze into abeze ngayo bangayilungiseleli ✓✓/ akusekho kujikeleza koko kukuya ngqo apho kufele ithole. ✓✓ (2)

4.2.4 Ewe, kuba uMadala wazama ukumthethelela uLoni kodwa woyiswa ngamanye amalungu ekomiti waba uyagxothwa naye uLoni njengoko kwakwenziwe nakuNdila. ✓✓ (2)

4.2.5 Ngokuthi akugxothwa uMawonga aqhubele phambili ngokunxila kulandele ukuphelelwa kwakhe yindawo kwaFuneka nokulahlwa kwakhe nguZanele, abe lelincanyiweyo inxila kuzale ibhekile yempindezelo kuNdila esebenzisana nooFuneka, aphalale uMawonge ade azityise ityhefu kwaFuneka ngelokuncama ✓✓✓ (3)

4.2.6 (a) (iii) ✓/ UFuneka ✓

(b) (i) ✓/ UZingiwe ✓

(c) (ii) ✓/ UThandiwe ✓ (3)

ÉcoleBooks

4.2.7 Lokuba ngumntu oneenkani. ✓✓ (2)

4.2.8 Andivelani naye kuba ebenomzi wakhe wathatha isigqibo sokuthandana noZanele, nokunxila angalali emzini wakhe ehamba iipati ngoko ke imfanele yonke into emehlelayo. ✓✓

**OKANYE**

Ndiyavelana naye kuba ujikwe kwindlela entle ebeyihamba ebomini bakhe nguMaziko lo. Ubutshijolo bukaMaziko nempindezelo kaNdila zizo ezimqhubele ekubeni aphalale abe kule meko. ✓✓ (2)

**[35]**

**AMANQAKU EWONKE: 35**

**OKANYE**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



**UMBUZO 5: *INZALA YAMARHAMBA*: M. MLOKOTI**

**ISICATSHULWA I**

5.1 5.1.1 Bamazi njengomntwana osuke akabambeka, uhamba abuye ngobusuku ✓/ othuleyo ongenancoko namntu kusapho lwakhe. ✓ (1)

5.1.2 ... 'ngakumbi njengokuba ixesha selifinyele, ndisonganyelwa nayimpilo.' ✓✓ (2)

5.1.3 Kungokuba uDina wayeyintombazana eselula kakhulu kwaye lo msebenzi wakwaNyoka wawufuna kanye amaxhoba angamantombazana amancinci. ✓✓ (2)

5.1.4 (i) Yithoni yonxunguphalo. ✓ (1)

(ii) Ifaneleke kakhulu kuba uMaTshezi uyambona umyeni wakhe ukhathazekile kwaye unento afuna ukuba bayithethe, oku kubanga ixhala kuye. ✓✓ (2)

5.1.5 ngx ✓ sisifanadumo ✓/ imfano-zandi. ✓ (2)

5.1.6 Ndimamele. ✓✓ (2)

5.1.7 Sesokumxela emapoliseni, kuSajini kuGxalaba ukuze yena eze neqhinga lokumenza ukuba abanjwe uThambolenyoka. ✓✓ (2)

5.1.8 Kukunyolukela imali kuba kungenxa yoku kunyoluka okwambangela ukuba athundeze uDina ukuba angene kumsebenzi wokushishina ngomzimba. ✓✓ (2)

5.1.9 UDina wafumana umsebenzi njengomnye wabalindi bamabanjwa wafumana nomtshato wazonwabela ✓✓/ wayifumana impindezelo uNyoka wabanjwa ✓✓/ impindezelo yokuchitha ubukumkani bukaNyoka. ✓✓ (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA J**

5.2.1 Wayemgqibele emsebenzini kwaThambolenyoka phambi kokuba uDina agxothwe kuba ekhulelwe. ✓ (1)

5.2.2 Ufuna ukumbalisela ngobomi bakhe emva kokuba elishiyile ishishini likaThambolenyoka ✓✓/ unomdla wokwazi ukuba bunjani ubomi kwabo basasebenzela uThambolenyoka. ✓✓ (2)

5.2.3 Lindibiza ngegama licacisa ukuba liyandazi. ✓✓ (2)

5.2.4 Kungokuba uNozici noNozigoci abazange basweleke koko babegqunyiwe ukuze kucingeleke ukuba baswelekile ilicebo lokubamba uThambolenyoka elo. ✓✓ (2)

5.2.5 Ngokuthi uDina afumanise ukuba uThambolenyoka uyafunwa ngamapolisa nangona kunzima ukumbamba ngenxa yokunqongophala kobungqina, utsho aphakame aye kuthenga incula afune ukuziphindezela kuThambolenyoka kodwa unqandwa nguZanoxolo. Iyaphuphuma ibhekile yempindezelo kuDina uqalisa ukuququa ehotele enxibe impahla emnyama kanti kuloko kuza kude kuye ekubanjweni kukaThambolenyoka. ✓✓✓ (3)

5.2.6 (a) (iii) ✓/ UNcaphayi ✓

(b) (i) ✓/ UZanoxolo ✓

ÉcoleBooks

(c) (ii) ✓/ UGxalaba ✓ (3)

5.2.7 Ukuba ungumntu onosizi ✓✓/ ukuba ungumntu onovelwano ✓✓/ ukuba ungumntu onesazela ✓✓/ lokungalibali kuba ukubona uDina kumkhumbuza intlungu yokuxhatshazwa kwabo bethathelwa ubuntombi nguNyoka. ✓✓

[Nayiphi kwezi.] (2)

5.2.8 Andivelani naye kuba ubaxhaphazile abantwana babantu ebulala isizwe nekamva labantwana abangamantombazana. ✓✓

Okanye

Ndiyavelana naye kuba ukubanjwa avalelwe entolongweni akuzi kumenza aphume eguqukile ngoko ke isimo sakhe siya kuhala siyingxaki eluntwini ✓✓/ ndiyavelana naye kuba ubushiyile ubomi bakhe bobungingi nokuziva emkhulu engusomashishini owaziwayo. ✓✓ (2)

**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

**OKANYE**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

**UMBUZO 6: *NDAKUYICEL'UVUTHIWE* – L.L. NGEWU no E. Z. GUQA**

**ISICATSHULWA K: 'UMNTU AKALAHLWA' – L.L. NGEWU**

6.1 6.1.1 Wayefuye iinkomo. ✓ (1)

6.1.2 kuba ilizwi lakhe belingawi phantsi ✓✓ (2)

6.1.3 Babesele bequmbile. ✓✓ (2)

6.1.4 Kukuthamba nokuthobela indoda yakhe uMathidala kuba lolu phawu olumbangela ukuba akhwele ezehlela uMathidala kuye esenza intando yakhe. ✓✓ (2)

6.1.5 Akazange azigcine wavuka ngengomso wazikhapha ukuzibuyisela kumkhuluwa wakhe uMathidala. ✓✓ (2)

6.1.6 Sesokuthatha uNobesuthu noNomtha ahlale nabo bekhulelwe bade babeleke,abase esikolweni egcina abantwana babo ehlupheka nabo bephila ngemali yakhe encinci. ✓✓ (2)

6.1.7 (i) Yithoni yokuxhalaba. ✓ (1)

(ii) Ifaneleke kakhulu kuba uTyhobeka akayazi into abayihambela ngobusuku abantwana bomntakwabo yiloo nto acinga ukuba baze kubika umphanga. ✓✓ (2)

6.1.8 Babengagodoli beqhaqhazela ✓ Nguvumephika. ✓ (2)

6.1.9 Waba yindoda ekhathazekileyo ehluphekayo ingasenayo naloo mfuyo yayiqhayisa ngayo ekuqaleni kwebali. ✓✓ (2)

**KUNYE**

## ISICATSHULWA L

### NGUMNTU ONJANI LO – LL NGEWU

6.2 6.2.1 Ngumngcwabo kaManduleli. ✓ (1)

6.2.2 Sesokuba kwakuphume umpoposho enkundleni kamantyi iwuvala umzimba ukuba ungakhululwa ngabangcwabi kuba kusekho ukukhalaza nokulwa phakathi kosapho ngenxa yokuba le ndoda yayinabafazi abahlanu, umfazi wokuqala wayebambe isidumbu ngesiqinisekiso somtshato. ✓✓ (2)

6.2.3 Wayengakwazi ukufunda. ✓✓ (2)

6.2.4 Kungokuba uManduleli lo wayenabantwana abangama-25. ✓✓ (2)

6.2.5 Ngokuthi kumana kuvela iinkcukacha ebezingaziwa mntu ngoManduleli lo, atsho nomfundisi abone ukuba ngumntu nje le ndoda aze kuyingcwaba, ngumntu ongazange enzele mntu nto esaphila. ✓✓✓ (3)

6.2.6 (a) (iii) ✓/ UNgxabane ✓

(b) (i) ✓/ UMaThiyane ✓

(c) (ii) ✓/ UMjalisa ✓ (3)

ÉcoleBooks

6.2.7 Uphawu lokuba ngumntu ongenamkhondo. ✓✓ (2)

6.2.8 Ndiyavelana nalo kuba wonke umntu unqwenela ukuba namalungu athembakeleyo nanemisebenzi emihle enokuthi usapho luzidle ngayo naxa sele eswelekile umntu lowo. ✓✓

**OKANYE**

Andivelani nalo kuba ibiluxanduva losapho ukubumba isimo somnye walo, uManduleli ube yile nto ayiyo bekhona njengosapho.✓✓ (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

**OKANYE**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



## ICANDELO D: ISIHOBE

### UMBUZO 7: IVAMNA BAFAZI BOLUSU – SIBONGILE MAPUTI NABANYE

7.1 **INGCWABA**

7.1.1 Kuthethwa ngengcwaba, ✓ kuthiwa aloneli kukufihla abantu mihla le besiya kulo ngokubangelwa ziindlela ezininzi ezahlukileyo. ✓ (2)

7.1.2 Kuthethwa ukuba umntu uqgityelwa ephilile ehambahamba egabikwa hlaba kuthi kusenjalo ingcwaba limthathe. ✓✓ (2)

7.1.3 Uncume ✓ Isimntwiso. ✓ (2)

7.1.4 Umhla, iveki, ngabanye behamba ✓/ umqolo wesi-8. ✓ (2)

7.1.5 Ukumumatha kukugcina ukutya emlonyeni ✓ nakulo mqolo eli gama lizisa intsingiselo yokuba ingcwaba liqala limgcine umntu likhukhumele ngumhlaba phambi kokuba lihle. ✓✓ (2)

7.1.6 Yisenethi ✓ kuba unemiqolo eli-14. ✓ (2)

7.1.7 Ngokugula balale ezibhedlele ✓ nangokudibana neengozi zeemoto ezindleleni. ✓ (2)

7.1.8 Uhle ✓✓/ uthothe ✓✓/ uthomalale. ✓✓ (2)

7.1.9 Ikhathazekile ✓ kuba isebenzisa isigama esibonisa ukukhathazeka esisesi; simanga, ukuhlutha, uhlobene nokufa, umona, akabethelwa nangu'doh'. ✓ (2)

**KUNYE**

**UMBUZO 7.2: MFAZINDINI WASE-AFRIKA**

| | | | |
|---|---|---|---|
| 7.2 | 7.2.1 | Kubantu bonke ✓/ kuthi. ✓ | (1) |
| | 7.2.2 | Sesomfazi waseAfrika ocheba ingca ngerhengqe. / sesomfazi orhela ingca ngerhengqe. ✓✓ | (2) |
| | 7.2.3 | Kukuphawula ukuba akaphenduli akathethi loo nto yenze ukuba kuthandabuzeke ukuba ngumntu li ithetha naye. ✓✓ | (2) |
| | 7.2.4 | Swii ✓ sisetyenziselwe ukubonisa ukuba lo mfazindini waseAfrika uthabathekile yile ngca ayisebenzayo. ✓✓ | (2) |
| | 7.2.5 | Kukudala isingqisho. ✓✓ | (2) |
| | 7.2.6 | Iqaqambisa ububele balo mfazi waseAfrika ✓✓/ iqaqambisa intlutha. ✓✓ | (2) |
| | 7.2.7 | B ✓/ B ngabafana neentombi ✓/ ngabafana neentombi. ✓ | (1) |
| | 7.2.8 | Utheza iinkuni ✓/ uthutha amanzi ✓/uyasila ✓/ wenza iti ✓/ usila utywala ✓/ ukhulisa usana. ✓<br>[Nasiphi isibini kwezi.] | (2) |
| | 7.2.9 | ‘Kuloo maqhwa aqhaqhazelisa imihlathi.’ ✓✓ | (2) |
| | 7.2.10 | Oweliso. ✓ | (1) |
| | | | **[35]** |

ÉcoleBooks

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM